

Imvo Zabantsundu.

(NATIVE OPINION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, JANUARY 9, 1890

[No. 269

IXESHA LE BHOLA, 1889

DYER NO DYER

BANQIKA into eninzi ye Mpahla ye Bhola, abayite dlakana ukuba ibonwe ; kuko nento ezintsha, ekumhla zenziwayo NANGABENZI ABAZINTLOKO.

I-BHATI
Zika Lillywhite, Izipato ze Cane 16s
„ Ezilunge ngapezulu 21s
„ Ezispeshele 21s
„ Eziketiwewayo 25s
„ Duplex Driver 30s
Zika Cobbet's Eziyi Single Cane 15s
I Eziyi Double Cane 17s
Zika Cobbet's Cane Zonke 19s
„ Ezenziwe Speshele 25s Bartlett's
ezi Double Cane 13s 6d
„ ezi All Cane 16s 9d
„ ezi Kuncotula 19s 6d Zamadoda
zoku praktisa 5s 6d, 8s
Dove Tail (extra strong) 9s
I-Seti Zentsapo 6s 6d, 10s, 12s 6d.
I-Stumps 5s 6d, 10s, 12s, 16s 6d.

IBHOLA ZE KRIKITI

Ezika Duke ezimitungo ipindiweyo 4s 6d.
„ „ extra strong 6s 3d.
Ezentsapo 2s 6d.
Ezika Duke ze Match 5s 9d, 6s 3d, 7s
Ezika Ayer's Ze Match ezimitungo ipindwe
katatu 9s.
„ „ I Catgut „ 10s.
„ „ Lillywhite 6s 6d, 7s, 8s, 8s 6d

IZANDLA

Zokugcina i Wikiti 6s, 7s 6d, 8s 6d, 8s 9d, 10s, zenziwa nge twatwa elimhlope—ngolusu lwebokwe—nge Gold Cape Tan Chamois nentlotyantlotyana zonke ezintsha.
Zobetayo Ezolusu lwe nja 7s 3d, 8s 6d, and [9s. Eze Bhokwe 7s 3d. Eze Buff Chamois 7s 3d.
I New President Batting Glove 9s 6d.

Impahla entsha engazange yako ye TENNIS, isand' ukunqikwa. Intonga ze Tennis ziqalela kwi 6/6 kuse kuma 30/-.

Imitwalo emikulu yempahla entsha, yase ntlakohlaza ifika ngo Stemele bonke.

DYER NO DYER,
ABANENGUBO ZAMANENE,

KING WILLIAMS TOWN.

Kotenga i Seti yonke kwapulwa i Sheleni zo mbini e pontini, amanani awodwa kule mpahla. Paula Mlesi!

BON MARCHE!

[Apo Kutengiswa impahla entle ngamanani angemakulu],

GRAHAMSTOWN

Saneke lityali ezitshipu kanye, ifishini ezona zintsha, ziqala kwi 3/- inye. Ikaliko Emhlope ne Brown, iqala 2 1/2 d. yd. Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 4 1/4 d. yd. Ezona Ntlobo zintsha ze Print, 3d., 4 1/2 d., ne 6d. yd. Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala 1/- inye. Iblanket zoboya ziqala 5/- inye. Amabhayi 2/- lilinye; i Cotton Sheets 116 inye.

YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI!!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, yi Ledi esand' ukuvela e-England.

INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye.
IBHATYI ZE KODI, ziqala 10s. inye.
IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. 11d. inye.
IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye.
ISUTI Emhlayo umfana ifishini entsha, 21s.

Oze kutenga apa ngokwalatiswa yi Mvo maze akuxele oko. Ukuba, utenge ngexabiso eligqite kwi ponti enye (E1) uyakubuyi ayinikwe isheleni ngeponti nganye.

JOHN W. BAYES & CO.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,

GRAHAM'S TOWN

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko
BOURKE no MARSH,
E Nyutawini nakwisitalato esipambi
kwe ofisi ngase mcantcatweni.

ABATSHATILEYO.

MAYAFI.MOTSHUMI. — Kutshatiswe ngu Rev. Isaac Dugmore, encediswa ngu sontombi u Rev. Nehemiah Motshumi, u HENRY JOB MAYAFI wase Basutoland, no ELIZABETH MOTSHUMI wase Kroonstad, O.F.S., ngo December 3, 1889.—3it1,23,90

RADASI-KWAIMBA.—E Cradock, ngo 31 December, 1889, kutshatiswe ngu Rev. Samuel Ntsiko u JOHN M. RADASI wase Somerset East no S. KWAIMBA intombi yase Cradock.—3it23,1,90

ABAZELWEYO.

LUSASENI.—Ngo 10th October, 1889, Inkosikazi ka PATO S. LUSASENI e Ndakana, ibeleke Unyana. 2it9,1,90

ABABHUBHILEYO.

TOYI.—Ndiya zisa kuzo zonke izihlobo zetu ukuba sishiywe ngu Mr. BARNABAS TOYI, indoda ebe ingu mshumayeli we Lizwi kwanesi bonda saku Cofimvaba. Imke lendoda ngoxolo ngomhla we 2 ku January, 1890. "Banenyweba abo bafele e Nkosini."

JANE TOYI.

Cofimvaba.—3it23,1,90

MQANDA.—Kubhubhe ngomhla wa 20 December, 1889, u ALFRED THOMAS MQANDA, obudala buyiminyaka elishumi eline sibozo. Umka nomlambo, i Bira, ekuseni, bevela e Simnareni e Heald Town. Izihlobo mazamkele lombiko.

THOMAS J. MQANDA.

Etyityaba, 27th December, 1889 3it13,1,90

BONISANI

UJOHN JONGILE FADANA. Wabeke ese Dikeni, wesuka apo waya ku Seplan, wesuka apo waya ku Ngqwaru. Ndamqibela esingise ngase Skapu (Tarkastad). Owazi into ngaye wobhalela ku Mhleli we Mvo, okanye kum Wm. DANIEL, 3it14,1,90 8. Marks.

Umanyano nge Mfundo

[N. E. A]

INTLANGANISO yolu Manyano iyakuba se Mgwali wakwa Ngqika ngomhla we 14 ku January, 1890, ngolwesi-Bini evekini. Yoqala ngexesha, leshumi (10 o'clock) kusasa. Amapepa akufundwa :—" Isimilo," ngu Mr. David Bolani. "I Teachers na Bafundisi ukuzenza inkosi kubantu ezibapeteyo," ngu Mr. Robert Gosa. U Mr. D. Marela no Miss Elsie Yake nabo baya kufunda amapepa. U Mr. P. Tyamzashe uya kundulula ingxoxo nge "Government Good Service Allowance." Onke amalungu ayacelwa, ze alinge abeko. Ngo-MVULO, 13TH JANUARY, 1890, u Mr. Kenneth Ncapayi woba se Dohne Toll nenqwelo yokukwela amanekazi namanene aya kuya ngo loliwe e Mgwali. Ixesha lokukwela kuloliwe ngu 8 o'clock kusasa e Qonce. SOLOMON GOVO, Secretary. Burnshill, December, 1889. 19,1,90

OLUKA

Gowie Uluhlu Lwezityalo.

Luka DECEMBER-

Umhlaba mauhlakulwe, ucokiswe kwinto ezilinyiweyo.

IMITI YE ZIQHAMO eyamiliselwa entlakohlaza, nexakatileyo mayi nncencetshelwe kanobom.

Hlwayela i Cauliflower ne Cabbage, (Ezona koliflawu, nama Kapetshu mahle ngambewu zihlwayelwa kwa se Hlotyeni.)

Umbona, Osenza, i Tyukumba. Intyabontyi, Amatanga, Imbotyi, I Ertyis, I Radish, I Letesi, ne Spinach, zingahlwayelwa nazo.

W. & C. GOWIE,

GRAHAM'S TOWN.

Telegraphic Address : " OATLANDS," Graham's Town.

Isaziso kubo Bonke.

INTLANGANISO ye Bandla lase Wesile e Qonce ibisingete lento eyenziwa ngumzi Ontsundu, ovela kwindawo ngendawo, uzalisa indlu yo Mfundisi kakubi. Lendawo Intlanganiso iti mayingenzeki ziko Indawo Zendwendwe. Ngomyalelo we Ntlanganiso ya Bakokeli base Wesile,

T. SAMBULA, Igosa lo Mjikelo.

School Street, November 27, 1889. st.ad.12,90

John J. Irvine & Co

ISUTI zamadoda ze Stofu—12/6,14/-, 16/-, 18/-, 20/.

IBHATYI „ „ —5/-, 6/9, 8/9, 10/6, 12/9.

I-Bhulukwe „ „ —4/-, 6/6, 5/6, 6/6, to 15/-.

Imitika emnyama (yokutshata)—12/6, 15/9, 17/9.

Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutshata)— 16/9 to 18/9.

Ihempe zamadoda zomsebenzi—10d., 1/-, 1/3,1/6, 2/

Ihempe ze fulaneli—1/6,1/9, 2/-, 2/6.

Ihempe zamadoda ezihayinishwayo—2/6, 2/11, 3/6.

Kuko i Bhulukwe ze Kodi ezitile (ezona zohlobo)

Intlobo ezintsha zetyali (esazulwini apa azinamabala, koko kupela asemqokumbelweni). Zisusela ku 4/6 zise kwi ponti.

Iprinti ezisand' ukufika—3d., 4d., 5d., 6., 7d. nge yadi.

Ikaliko—2d., 3d., 4d., 5d., 6d. nge yadi.

Ilinzi—4d., 5d., 5 1/2 d., 6d. nge yadi.

Izitofu ezibugqi—6d., 7 1/2 d., 9d. nge yadi.

Lo ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu, nenempahla epilileyo.

JOHN J. IRVINE & CO

u-ALUVENI.

YIZA KUBONA EYAKWA

BAKER, BAKER & CO.

IVENKILE YE NGUBO,

KAUKANGELE IMPAHLA ENINZI

Isuti ezimnyama nge 26/6

Isuti ezi Fancy nge 11/6

Isuti ze Serge nge 27/6

Ibhatyi eziyimi bbingo amanani ngamanani

Ibhatyi ezi Sydenham nge 6/-

Ibhulukwe ezimnyama nge 10/6

Ibhulukwe ezi Fancy nge 4/6

Ihempe ezimhlope nezinamabala nge

Iminqwazi elukuni ne tofotofo nge 1/6

Iveyile, Itepsana, Ikausi, Izihlangu,

Shoes, i Blankete, njalo njalo

Ibhulukwe ze KODI zingamanani amakulu (amawaka) ziqalela kwi 5/- nganye

Yiza kulevenkile wozibonela nga wako amehlo.

BAKER, BAKER & CO
EQONCE.

UKAKO RAFU

YE

ZINDLU.

IRAFU ibulewe. Into yonke siya kuyitoba kwa BANTSUNDU. Sine mpahla eninzi esisayivulayo. ABAZAKUTSHATA singabenzela i LOKWE ne MINQWAZI bakufuna ukuba benzelwe.

Kulomsebenzi ungentla sina maledi amabini ngokukodwa okuwenza.

Ezamadoda i Suti, njalo, njalo, zinokusi-kwa baku zi ODOLA.

Zonke beta zipantsi ngokubalulekileyo.

SIYIBULELE I RAFU!

W. O. CARTER & CO.

Kingwilliamstown.

KWI VENKILE

YO KATA.

BANTSUNDU!

Bantsundu! Bantsundu!

NALI iculo lika "Folokoco" lingelilo Elamaqaba Umqolo we Namba, kodwa elika Folokoco yedwa, Lilo eli:—

Kuko Venkile apa e King, Kekalok' impahla yayo Ikup' ezezinye everything, Kumbnlani Ivenkile leyo.

Umniniyo utiywe ngamakosikazi Ngapandle komteketo Ngu Folokoco,—Manenekazi Yizani ninqwenise iliso.

Zityal' ezetu zaba Tshakazi, Ngokwenyani zihleli zodwa,— Amanene, namanenekazi S'thruc, inteng' yetu iyodwa.

Zibhatyi, zihempe, neminqwaji, Nebhulukwe zezisikiweyo,— Zonk' impahla zamaledikazi Ngenene zezifanelekileyo.

fiti kwaba batenga kade Ninga dinwa zihlobo zeta Kude knbe ngu napakade Nitenga kweya kowetu.

Ningayilibali indawo ekuyo Inkumba ka FOLOKOCO ngezantsi kwe

Scotch Church,
Kingwilliamstown,

W. LORD & CO.

ABATENGISI

BEMPAHLA- YENTSIMBI
BEMPAHLA-OZIKOMITYI
BERULUWA

BEMIPU
BEMBUMBULU, zentlobo zonke njalo njalo.

E MARKET'SQUARE,
KING WILLIAMS TOWN.

Ikaya Lendwendwe.

SIYAZISA ukuba 'Ikaya' sisaligcinile apa e-Komani, Amagumbi, nezitale, nentlalo yonke ilungile kakulu, ezantsi kwe Marike.

R. T. NUKUNA & CO.,
Calderwood Street, Queenstown.

Incindi Epitikeziweyo

—YE—

LINSEED NE

HOREHOUND.

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLA, INGQELE, nazo zonke Izikuhlana zo MQALA ne MIPUNGA

1/6 NGE BHOTILE.

2/. LITUNYELWE NGE POSI.

Ngamanani Nanganye kwa

P. GRAY, Chemist and Druggist,

CAMBRIDGE ROAD,

Mawetu! Mawetu!!

YAZINI ukuba ndivule ecaleni kwe "Kaya" IVENKILE YENTWANA ZONKE EZIFUNEKAYO. Kuko nesebe Lencwadi ekuza kubako kulo zonke izishicilelo ezikoyo zesi Xhosa. Ako Amaulo amahlelo onke. Kuko ne Noti (Tonic Solf) ezimaulo matsha, amnandi. Elisebe lisaya kufezekiswa ukwanelisa ititshala, njalo-njalo.

PAUL XINIWE,
General Agent.
King Williams Town, June 10, 1889.

ISAZISO.

NDIYA wazisa umzi wakowetu ose Maxhoeni, Embo, e Natala nase Dayimani, ukuba mna, ugama lingezantsi, ndivule Ikaya Labahambi apa. Yeyona ndlu ikufupi ne Railway Station, e Kowie Street, kufupi ne bhuloro ekutiwa yi Dundas Bridge, apo nofumanisa kona impato efanelekileyo, izixhaso nokulala okufanelekileyo, ngamanani apantsi kakulu. Kukonesitali samahasho esine groom epapame kunene, ROBERT XHOLLA,
Kowie Street.

Graham's Town,
28th June, 1889.

PAULA!

O Messrs. Webb & Wilson

BA YA

KUVULA IVENKILE ZABO

ZARE

BATENJINI

NGO

1ST FEBRUARY, 1890.
Iveki.

U CABHELA (Mr. J. Landry) wase Mtonjeni ukubalelwa yiyo, ngengxelo zocingo.

U STEWART (Mr. J. Landry) wase Mtonjeni ukubalelwa yiyo, ngengxelo zocingo.

NGEVEKI egqitileyo ngolwesi-Bini, u Rev. Dr. Stewart wase Lovedale, utshatise intombi enkulu ka Hon. C. Brownlee nomfundisi u Rev. J. D. Don wase Qonce apa. Ngalomshato kunokutiva "intaba ziwelene." Yintombi yogama lizukileyo kwabantsundu, itshata nombhobo oseleke weva ubunzima ngenyaniso ebuvela abamnyama kwityala apa le Bhulu u Pelsler owayedubule Umxhosa u Zech, wati akuba engabanjwa umbulali wapakamisa izwi ukumbuzela u Mr. Don. Sibangwenelela ukonwaba okukulu.

NGOBUSUKU bolwesi-Tatu lwegqitileyo kumke ne Qonce kufupi ne Hotele ka Poutz inqwelo ka Mr. C. Sage, wapantsi kwamahlali, kwafa inkabi ezisitoba. Pofu bebexelwa abantu bayo ukuba umlambo uzele.

NGETUBA lokuba abamnyama bepongomele ukubhala incwadi ezinde ide Inkanyiso yase Natal yazisa ukuba incwadi mazibe mfulshane ayikuzifaka ezinde. Siyakolwa kanye lelo cebo.

YINYANGA yokuqalalye Kota (January) lixsha lokuba ifinyelele intlalo ye "Mvo."

LE yiveki yomtandazo yo Manyano aluyi Evangelical Alliance.

U MR. GEORGE HAY wase Komani umnini Posi le ibaleka pakati kwe Rini ne Qonce no Mr. Wheldon obengene emnyadalenali naye ngokutwala abahambi, badale ubukomponi ngaleyo misebenzi yomibini. Inani ngokuhamba libuyele kwi £2.

IQELA labantu base Mgwali wakwa Ngqika, litumele ipepa ku Mr. Hewitt, obesindala semantyi e Cumakala, bambulisa njengokuba esimka ukuyakuba yimantyi e Hopetown.

UMFUNDISI wesibini wase Wesile wa-lapa e Qonce usindiswe ngamadodana ase Ncenera ngolwesi-Ne, 2 January, selingamangxashi-ngxashi emka nalowo mlanjana, ote kanti unamanzi emvula eyana nge Nibidyala.

INENEKAZI elingu Mrs. Zinn lase Cookhouse, life xa bekusenziwa amalanga okulisindisa kwizibuko lase Nyara ngalosinga. Kungenwa ngenkani emlanjeni ngokujokisa kwake kungavanywa ngabantu, lafa selibambebele emngculubeni nombhexeshi.

KUFIKE ucingo oluvela e London oluvakalisa udaba lokuba u Mr. Jacobus de Wet utiwe jize ngeuwonga lobupakati lobu K.C.M.G., ayakwaziwa pantsi kwalo ngokuba ngu Sir Jacobus de Wet. Lo Mr. de Wet ngongu Mpatiswa-Bantsundu kweli.

KUKO umntu olungileyo, ongazixelanga igama, kwela Mangesi ogide i Hospital etile ekufupi ne London ngeponti ezi £100,000.

KUMDLALO omkulu we Bhola ngo 3 Januaay pakati kwe Team yase Natal neyase Kimberley i Kimberley ngamangano okuqala lenze 445; i Natal lenza ngawe 1st 128, ngawe 2nd 140, total 268 Yaba idliwe i Natal nge innings ne 177 runs. Asingabo nabelungu ukudlala kakade aba base Kimberley. Bayaziwa.

KUTSHABALELE abantu abamashumi mabini anane ngumililo kwi Simnari yela Mangesi yase Westham ukufa konyaka omdala.

IPAKATI elikulu le Nkosazana, u Lord Salisbury, beke lalala ngendlu sisifo esikoyo kunene kwela Pesheya sesifuba sengqe.

IBHOTWE le Kumkani yase Belgium, e Europe, elise Laeken litshatya aliswe ngumililo kwakunye nento eninzi yemphala enqabileyo. Inkosazana ebikona isinde matipiti, kwatshabalala umqeqeshi wayo emalangatyini.

UMBUSO wase Portugal uvakalise xa bekuvulwa i Banda le palamente ngo 2 January, 1890, ukuba uzimisele ukuba uzimele imfaneko zawo kwilizwe elinga pesheya nangaposhono kwe Zambezi ezilhuba ngowa Mangesi. Ikumkani u Carlos, ite iyatamba ukuba lomcimbi wobehle ugqitywe.

EKUBENI beselibalele kwakona e Johannesburg ngangokuba anqabe amanzi, libuyela lana ekuzeni kufa konyaka.

E JOHANNESBURG kuxelwa ezokuba unyana womfi u Mr. Kirkwood, obefudula elilungu le Palamente e Bhai, uzingqamle umqala wafa.

NGE Nibidyala izulu lidale kumntu nonyana, igama ngu Tamblin, a Bronkerspruit e Transvaal.

UMLILO utshise umzi wempahla yendlu yo Isaacs & Co., e Kapa ngokuhlwa kolwesi-Hlanu. Ilahleko iku £10,000.

U SIR MARSHALL CLARKE, Umpatiswa we Nkosazana welase Lusutu, usahambele e Kapa, kwangokunjalo u Sir Sidney Shippard opatiswe elama Betswana. Bayekuhlana ne Ruluneli entsha ngemcimbi yempato yalomazwe abo.

INTLANGANISO yo Manyano nge Mfundo imiselwe ukubase Mgwali wakwa Ngqika ngolwesi-Bini lweveki ezayo. Kwishilalo sokongamela iyakuba ngu Mr. William K. Ntsikana wase Pirie, oyi President yo Manyano.

KWELANAMHLA u Rulumeni wazisa ngento eninzi yemihlaba ekumandla we Qonce eyakutengiswa pambi kwe Ofisi yomantyi wase Qonce ngo 13 February, 1890. Nantso into ekade niyifuna, nisiti anaziswa. Nabakwezinye indawo xa benga bangazazi into azakuzenza u Rulumeni, nangempahla yezikiti bangacelako mantyi babo ukuba zaziswe kwi Mvo yolungiselelwa into leyo.

IWILE ifiva kumandla oyi Spelonken wase Zoutpansberg e Transvaal. Bebesebeku 150 ukubalelwa yiyo, ngengxelo zocingo.

IMPI eyihlala nge Kwata nangonyeka IMVO, mayiqonde ukuba ngoku (Jan.) lixsha elihle mayifinyelele intlalo.

KUKO umfo ontsundu obanjwe ngo Mgqibelo ngokuba inkuni ehlalini, uti ngokuhlwa apule ibhoi, atabate ipistoli ye polisa, asimbele. Esukelwe uti aku- bon' ukuba uyasilelelwa aselebamba emqaleni atsho ingene esidleleni iyokupuma ngase ndlebeni, aye isitulut, ebuye wavuka ute kumapolisa ubeselelelele ukufa kunokuya entolongweni.

E STESHONI sikaloliwe ngokuhlwa kolwesi Hlanu olugqitileyo (3 January) e Bhai, kute xa iza kuhluluka itreni kwabonwa ngomfo ongu David Johnston ekhitha pantsi, kanti kupela. Kutiwa sisifo sentliziyo.

IMPAHLA yendlu yemantyi entsha yase Bhai, u Mr. Bayne, ishele kwi ofisi ze Boating Company e Bhai ekuseni ngo Mgqibelo ongapaya. Ilahleko kuye ngencwadi zake inkulu.

INDODANA engu Thomas Hanrhan itshone e Veli, e Bhai, ibiqubha ngomhla we Nibidyala.

KUKO umfo owapulwe umlenze yi fatyi yotywala ewe pezu kwake xa ebesebenza ezikepeni e Monti kumkhombe oyi "Methven Castle."

NGAPAYA kwe Klerksdorp kwindlela esuka e Kimberley eya e Rautini umbane ubete isipani sipela, safela apo salala ngoko kubotshwa kwaso.

INENE elingu Cooksley, kuti zakuyiwe kudliwa ehoteleli e Pretoria, kungene isela kwengele ikambile libe impahla yake (kuba ebe ngumhambi) ebimalelwa kwi £200. Ibonwe sekungenyeni imini ilahleko leyo.

U REV. R. JOHNSTON unduluke e Bhai ngolwesi Hlanu lweveki egqitileyo ukusinga kwikaya lake elitsha e Lovedale.

IMANTYI yase Dordrecht iyakuhlala pezu kwezimangalo zaba Voti bomandla we Wodehouse Mvulo ozayo, 13 January, 1890. Mayingalulibali impi yakowetu e Batenjini olosuku.

EYASE Mpofu Imantyi iya kuhlala pezu kwezimangalo zaba Voti ngolwesi Hlanu lwazayo (17 January).

E NGQUSHA amabango abavoti aya kupulwapulwa ngo Mvulo ongapaya (20 January).

IMANTYANA yase Nxukwebe, u Mr. A. E. Ayliff, wamkele ku Rulumeni indawo yokuba yi Nkosana yama Polisa (Sub Inspector C.P.). Kumiselwe u Mr. R. D. Henry obengumpatiswa-posi wase Bhofolo ebumantyaneni. Kwanga kungako imvisiswano pakati kwabantu no Mr. Henry. Imbangi yolushintsho koba ngabom ukuba asiyiyo lengxokozelo ike yako ngofuduso lwe ofisi.

IMANTYI yase Qonce iya kupulapula amabango abavoti ngolwesi Bini lweveki ezayo (14 January). Impi eyalahlwa zi Felkomet yatumela amabango mayihale icwabile, ize ibeko kuba kungeko nteko ingeko.

Kwi fam eyi Orangefontein kumandla wase Aliwal North kuti kubekuzanywa ukupakulwa itisili zipuma inyosi zonde ngabapakuli, ama Bhulu, abazigume ngebatyi. Ixego elingu Frans Smit elisuke lazixota ngehlanvu zilifumene lawa kwalapo. Lingcwatywe ngo Mgqibelo ongapaya (28 December.)

IMANTYI yase Komani iya kuhlala pezu kwamabango evoti omahlulo wayo ngolwesi Tatu, 2 February.

INTLANGANISO yo Nyaka ye Siqingata ya Bafundisi na Magosa antsendu e Banda lase Wesile yomjikelo opetwe ngu Rev. Robert Lamplough iya kuqala e Kamastone ngolwesi Ne lweveki ezayo. Eyomjikelo wase Rini opetwe ngu Rev. J. Smith Spencer, iyakuba ngeveki engapaya e Rini.

NGO 1 Jan., u Rev. J. Allsopp we Wesile e Natal, uqutywe lizulu engalweni ebekwele ekalini, sisicaka esiqutywe emilenzeni, xa bebevela ekuvuleni ityalike e Catoridge. Uti kanti lombane utshise indlwana yabamnyama kufupi nendawo abebekuyo, ekufunyenwe kuyo izidumbu zamado' da amabini, nesomfazi nabantwana ababini.

EKUFENI kweveki egqitileyo kuntywiliselwe abantu abatu abangama Lawu—omnye ngo-Mgqibelo, ababini nge— Cawa—bebequbha elwandle e Bhai.

Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE. JAN. 9, 1890

ISIKOLO ESIKULU KWI BHACA.

ISIKOLISILE into yokuva ukuba kucingwa ngokwakiwa kwe Sikolo esikulu kwa Bhaca. Lelokunconywa ibakala elo. Ngati yi Nkosi UMAKAULA obone ukuba isikolo solohlobo siyafuneka kwelo lake; wati ukubonisa ukuba uyanyanisa warola ixabiso elinobom ukutenga izaziwo ezikulu ezazi zeze zenkunge e Tshungwana ati. ufuna zilungisiwe kwamiselwa kuzo Isikolo Esikulu. Ute lonto wayivakalisa ku Bafundisi, ate ke u Rev. P. HARGREAVES wayandlala kwi Komiti eyayimiswe yi Konferens yaseBhai (o Rev. F. MASON, Rev. R. RIDGILL, Rev. J. M. DWANE, no Messrs. POVALL, no TENGO-JABAVU), ebone ukuba isicelo se Nkosi UMAKAULA samkelwe. Umi ngokuma ke umzi wakwa Bhaca ukulungiselela. Kude kwagqibelela ukuba kuhle sakubona ukuba Umpatiswa omkulu wakwa Rulumeni welo uzilahlele ukuncediselicebo. Imicimbi yagqibela ukuhamba kamnandi ngezamini zo Sir GEORGE GREY abebesakuti abapatiswa base m'busweni babambisane na Bafundisi nabahlobo babantsundu kwinto zokuhlambulula abantu bakowetu. Kwaye kungelishesha lononelelo lwetu bamnyama ekwati kwema izakiwo ezihle ezikulu kunene ezinjengezo zo Gqirashe e Qonce, neze Simnari e Nxukwebe. Ezomini sizikunjuzwa sisenzo esinjengeso sika Mr. W. E. STANFORD (UNDABENI) ate ngomjikelo abenawo kwelo angu Mantyi Omkulu kulo waqononondisa, njengokuba enjenjalo kwa Xumbu, ngokuba abantu bafake amagxalaba ekumisweni kwesi sikolo. Kube mnandi emxhelweni, kwakona, sakuva ukuba umzi ose Mbo uyayiyuyela lento. Ngamana wapumelela necebo elo.

Ukuze kodwa upumelele, kuya kufuneka abapatiswa besi Sikolo sitsha behambe ngomkondo we Simnari ezindala entweni zonke eziluncedo, abawuxwema kodwa kwinto ezingavelisanga mpumelelo kwizikolo eseziko. Singa singayiyaleza kunene into yokuba kuze kundwetyelwe kunene ukumiswa kwe Titshala. Mayingabi ngaba-mhlope bodwa Ititshala kwizikolo zomlisa zoluhlobo. Yanele Ititshala enye emhlope eyakupatiswa umzi; ezinye mazibe ngamadodana antsendu anamaziko ekufundiseni, nazimi lo zingatandatyuzwayo. 'Mbangi yokuba siwise elicibo kukuba sijonge kwinkalo yokuba zivelelwe zombini inkalo zemfundo

efezekileyo—ukungeniswa entloko kokwazi, nokuqeqesha isimilo. Nayipina Ititshala inokungenisa ukwazi ebucotsheni bosapo, kodwa kunqweneleka imfaneleko ebalulekileyo ngamatuba atile ukuze umntu abe nokuqeqesha intsapo esimilweni. Ngalandlela bekuhanjiswa ngayo kwanele ukuti umntu abe nokwazi, kodwa aswelekelwe kakubi sisimilo. Ititshala ke ezimhlope, ngokungazani nenkantsentse zentlalo yabamnyama, kwanangokuti, sipumile isikolo, zingabisaba nanto zinokuyifundisa umlisa kuba zingekuwo umgangato omnye entlalweni, azingebe namatuba amahle ukwalusa izimilo zamdodana. Ika ngabamnyama abandilekileyo abangayenzayo lonto. Ezititshala siteta ngazo mazibeko nase bhungeni elipete umzi we Sikolo. Ngelicebo izimilo zabantwana zingaba pantsi kwengqeqesho ngexesha lesikolo nangapandle kweloxesha. Nangapandle koko imali yokuxhasa Ititshala ezimnyama ayingebe ngangeye Titshala ezimhlope ezimelwe yindleko yokuxhasa isimo esipezulu pakati kwabamhlope.

Amanqaku.

NIJGOKO salenzayo inqaku, okunene ibe sesihlalweni imantyi yase Bofolo nge zimangalo zabavoti. U Mr. Peter Congwane usibalisa ukuba akufikanga mntu ngapandle kwabantu abatu kwabase Nxukwebe. Kuyatandabuzeka nokuba kuzo zimangalo zazingeniswe, emasiti ke kukuba abhalwe onke amagama empi emfaneko apo E-Bhofolo. Imigudu yoka Congwane yona iyeyokubulelwa kuba engazenzeli yena kodwa enyamekele amalungelo abanye. Amadodadana oluhlobo angawokubkwa ngumzi kuba imizi ima kwakubako iqela labantu balowomkondo.

SIWUVE kwakubi umbiko wokubhubha kuka Mr. Barnabas Toyi, omnye wamadoda abalulekileyo ase Batenjini. U Mr. Toyi ubeyindoda ekolwe, yalunga kunene; ebeyikolisile kanye kubo bonke abantu ebe iba pete ngobushumayeli nangobubonda kwa Cofimvaba. Ngomnye wamadoda abekunye no mfi u Sam Sigenu. U Mr. Toyi simgqibele ngelixa kanye ngo nyaka ogqitileyo eze entlanganisweni ya Bafundisi apa E-Qonce njengegosa le Banda elalipetwe ngumfi u Rev. J. Mtinkulu. Hayi! Ukungaqinisiki kwexesha lobom belipakade. Lentlanganisio zakuba se Kamastone iyakubako ngapandle ko Mr. Mtinkulu umfundisi negosa lake u Mr. Barnabas Toyi. Sikuza umzi wake.

NGENDAWO yokulungiselelwa kwe voti u Mr. Mfazo N. Galela wakwa Gaga, walata ngamazwi abaleleyo, uti: "Lamazwi ndifuna ukupendula endiwabone epepeni lomhla we 19 ku December, 1889, ateta ngabavoti base Dikeni ukuncipha, ababefudula beku 120 ne 140, namhla 40. Uti ke kumanina ukuba kungatengiswa inkomo kwakive ingxande. Ndifuna apo ke ndikubalisele. Nokuba zakive akungancede luto lomzuzu u Rulumente igunya alimke kwi gugu la lekawunsili lokuxhabisa amalungelo etu. La asitye ngokustitya. Nokuba zakive ingxande. Okokugqibela nje ukuze sikutshwe sonke sasimlele kwalubhela luka Innes, inzwana enkulu, ibonisa ilungelo ngemihlaba ecandliweyo ukuba ifanele i £25 xa itengiswa. Kwatiwa bakona abaka bayirola lomali, wesuka umfo ka Kambeli, isandla semantyi, sati ewe u Rev. P. J. Mzimba £25, u Mr. James Kala Esheshegu, u Mfazo Ntshona kwa Gaga. Sigwetywa zinjalo ubuhle benyaniso. Ndidule apo ngempu sayirolela i £8, ukhulutwa kwayo ixabiso lamiswa ngabo. Omnye kubo apa yaye ngu Mr. John Inge owaye engumvenkile. Owam ndawurolela kuye i £8, ndiwutenga evenkileni yake. Igunya lanikwa yena lokuxhabisa nomfi u Mr. Alex. Chalmers. Owam lo we £8 ndanikwa £4 12s., uyabonake lowo ngulamntu wamkela i £8 namhla uti £4 12s. Ukutsho ke nditi nokuba zakive izindlu ze £100 or £200 lomzuzu u Rulumente onobubele engatanga kwabantsundu nani zifuneleni umntu anikangelale amalungelo enukohlala kunje. Umntu okutyileyo akangenze bulungisa kutshaba lwake. Bendiba mna umntu otetayo angati makucelwe u Rulumente ukuba nati asipe ilungelo lokuba sifune umntu wokukangela awetu amalungelo, ingabi ngabo aba basitye ukufa nokupila. Nokuba selusiti nigeni sishalo obekelileyo ubongoza imantyi usiti u Mr. nantsi makapendule ukuba waya ninina ukubona amalungelo, isuke imantyi ingabi nanto apo. Ungumhambi usemzini; owokuzalwa akalahlwa ncam.

KUBABHALELL.—E. S. F. D. (Old de Beers Kimberley). Usingete ingxoxo evaliweyo yiyo lento singena kuyisa so inewadi yako.

UTYWALA BASE KIMBERLEY.—Owakona uti,—apa e Kimberley, nakuba silima ngokusebenza linenkatozo. Ndithe kuba ndibeke ndakona apa kuqala, ndemka ndagoduka. Ndandincoma ukuselwa kotywala endade ndalahlekwa nangobendim ??? kufika singazani apa kodwa wayemke ekaya engumramente. Ndithe ndifika namhla ndafika egqitisele koko. Utywala ukuba bendinokukwenza ngebungavume kanye komnyama. Kute kanjako ngo-Mgqibelo 30 Nov., intwana enye eke ndayibona kwangobutywala lanxila kunene ikaba yaye enye indodana ineponi zosibhozo £8 esikwameni sayo, ite yasele inkwele kwada kwasondelela ixesha lokuba kulalwe, suka amanye ayikulula lobanti kuba kaloku abanjelwe indoda iwile ehasheni akupa lomali, into embi kukuba lemali ibidibene neyongaseliyo umntu, bekungenani ukuba yeyomeli lowo, zindlela zika Vamqo zonke ke ezo.

Ibala Labadlali

ETHIOPIAN C.C. vs. WIDE AWAKE C.C.

Nge 14th December odluleyo kwadibana ezi club zingentla Emaxambeni. U Mr. Mzamo wawaleqa amadoda e Wide Awake angalele. Wahlala ngapezu kwe yure ezimbini akakutshwa. Yati yakungena i Wide Awake afa amadoda njenge ndlazi, kwaye kubonakala ukuba amadoda apelile kukudinwa. Yatiyiwa nge 130 runs.

ETHIOPIAN C.C. : J Mzamo not out 90, H Labi b Vena 8, F Makwena c J Vena 11, J Mpindwa b Vena 8, Samuel Maqanda c Ncoha 3, W Tywayi b Konza 3, F Bopi c Bici 6, J Gazi b Vena 0, R Christian lbw 6, R Yekele c Senga 4, D Ngqina b Vena 0. Extras 11. Total 150.

W T E AWAKE C.C. : M Misana run out 0 ??? c Ross 2, A Vaybom b Tywayi 2, D Vena b Makwena 0, O Habana not out 6, B Kwankwa b Tywayi 0, T Senga b do 0, M Ncoha b Makwena 5, M Konza b do 0, J Vena c and b do 5, M Fani b Tywayi 0. Extras 0. Total 20.

ETHIOPIAN C.C. vs. ARABIAN STAR C.C.

Nge 7th December odluleyo kwaqubisana ezi club zingentla pesheya kwewebu. U Mr. Tshona owabhola ngoko kuqala wenza into zamhlo ada Amasilamsi azifuna.

ETHIOPIAN C.C.: Rev Gawler run out 2, R Christian b Ismal 0, H. Pezisa b do 5, Geo A Ross b do 0, K Tshona lbw b do 0, J Mzamo b do 7, S Lwana run out 2, D Hlati b Ismal 0, J Ngeni not out 3, R Yekele b Ismal 0, W Tywayi b do. Extras 13. Total 32.

ARABIAN STAR C.C. : B Jackson Stumped Lwana 0, A Saband b Tshona 3, Mattie b do 0, A Jackson b Pezisa 0, Ga-sim b Tshona 0, G Ismal b Pezisa 4, G Japu b Tshona 0, Zalie b do 2, Nace-rein not out 1, Jan b Tshona 0, Merim b Pezisa 0, Extras 3. Total 13. Yatiyiwa i Arabian Star C.C. nge 19 runs.

STAR OF THE EAST C.C. vs. FEAR NOT C.C.

Pakati kwezi club zimagama siwadwelise ngasentla aka kubeko umdlalo omkulu ngo-Mgqibelo, ngomhla we 14 ku December e Bhayi. Ndidteta kwapuma neqanda ukuya kubonela. Site ukuze lento siyigonde ukuba inkulu sapawula ukwandulela kwaboneli kwa bengekafiki abadlali. Waye umntu esiti masiye kubonela unozala namhla ukuba wotinina yena. Nose nizibonela ke ngokwenu njengokuba siwadwelisile amagama abadlali ngezantsi.

STAR OF THE EAST C.C., 1st innings: Kassim b Folley 3, Gamat b Folley 5, Frederick c Diamond b Folley 5, Abraham b E Ngoeza 2, Jop b do 0, H Asten b Folley 0, Amlan c and b Folley 2, Assamar c Klaas b Ngoza 3, Tape b E Ngoeza 2, Name b do 1, Abs not out 0. Extras 4. Total 27.

FEAR NOT C.C.: T Makoni b Kassim 16, P Dalaza c Astin b Jop 1, E Ngoeza c Jop b Kassim 7, B Sinuka c Jop b Kassim 6, T Klaas b Jop 0, S Swartbooi b Kassim

